**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 3 iiyure**

**AMANQAKU: 100**

---

**IMIYALELO**

- Eli phepha linamaCandelo amathathu **A, B, C**.
- KwiCandelo A umbuzo 1 unyanzelekile ukuba uphendulwe nguwonke-wonke.
- Kwakulo iCandelo A umbuzo 2, phendula imibuzo ibe mibini kuphela.
- KwiCandelo B mibini imibuzo, phendula ube mnye kuphela.
- KwiCandelo C mibini imibuzo ebuziweyo, umvavanywa uya kuphendula ube Mnye.
- Okokuba ukhethe umbuzo omde kwiCandelo B uza kunyanzeleka ukukhetha omfutshane kwiCandelo C. Okokuba ukhethe omde kwiCandelo C umele ukukhetha omfutshane kwicandelo B.

---

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

1.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

> Nixelele uBiko emangcwabeni,
> Ukub'inkunz'aseQunu
> KwesikaBhalizulu ifikile ekhaya.
> Inkunzi kaMandela ephume
> Seligqoloda ukutsiba.
>
> Uthango lweVictor Verster,
> Kuba kaloku yancanywa
> Sisiqid'sikaRobben,
> Esaginya umfo kaMakana uNxele,
> Waya kutshonela akabuya.
>
> Asal'amaXhosa eziinkedama.
> Yinkunz'emgqumo mkhulu,
> Eyoyikis'into kaVeluvutha,
> Wesuka waxhob'efohlela.
> Wesuka waxhob'efohlela.
> Wamthumelela izijamankungwini

1.1.1 Ingaba ngubani le nkunzi kuthethwa ngayo kwesi sicatshulwa singentla? (1)

1.1.2 Umbhali xa esithi saginya umfo kaMakana uNxele uthetha ukuthini? (2)

1.1.3 Ngokwesi sicatshulwa singentla umbhali ubhekiselele phi xa ethetha ngo Robben? (2)

1.1.4 Ngubani uVeluvutha? (2)

1.1.5 Xela ikhaya likaMandela (1)

1.1.6 Ngoobani aba basala bezi nkedama? (1)

1.1.7 Chaza ngendima kaBiko. (1)
**[10]**

## UMBUZO 2

***Aweselwa - 3*** **Kwetana W.M. (Umqokeleli)**

Kule mibongo ilandelayo, khetha uphendule ibe MIBINI kuphela.

2.1 Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.

**Isicatshulwa 1**

**Wohlal' Ukhumbuleka**

Anisivanga n' esi sabhakranyane sesithonga?
Aniwuvanga na lo mhlol' utyhwatyhwisayo?
Ingaba ningabahambi kweli kusini na?
Ingaba ningabandwendwel' ekhay' apha kuyini na?
Nditsho ngesand' esindil' ezindlebeni zoluntu.
Ndithetha ngenyikim' eshukumis' iChamama.
Axakek' amadoda, sabhenela koomama.
Bathi ntandazwe ungasilibali.

Sithini na sithi kuxing' isileyi?
Hayi, masiyibeke sandlal' ibhayi.
Ndiwavil' amadoda endumshela.
Ndiwavil' amankazan' edumzela.
Ndiluvil' ulutsha lukhwankqiseka –
Umhlol' izilo zingqumshela.
Kaloku kushukunyisw' isilo samaQwathi.
Umth' othandwayo njengomthathi.

2.1.1 Kwisitanza sokuqala usebenzise siphi isixhobo umbhali ukusivula ingqondo? (2)

2.1.2 Ingaba sesiphi esi sithonga umbhali asichazela ngaso (2)

Tyhila

2.1.3 Sesiphi isichasaniso esisetyenziswe ngumbhali kwisitanza sesibini? (2)

2.1.4 Kukuthini ukutyhwatyhwa? (2)

2.1.5 Nika isithethantonye segama ukukhwankqiswa. (2)

2.1.6 Yakha iqhalo elithetha ngomthathi. (2)

2.1.7 Nika intsingiselo yombuzo 2.1.6. (2)

2.1.8 Ingaba ngoobani aba badumzelayo kulo mbongo? (1)
**[15]**

**Isicatshulwa 2**

2.2 Funda lo mhobe ungezantsi wandule ukuphendula umbuzo olandelayo:

Wawuyimaz'ebhonxileyo,
Imvab'ezel'ingqaka
Namhl'unefuthe lesingqala
Ululwandle lweenyembezi.
Ungumthombo wentlupheko,

Bagweqwa obo buncwane,
Namhl'ulikhaya lezikhalo.
Namhl'unamasim'anamakhala.
Akasekh'onambith'ubusi.
Zabhangiswa kwaneenyosi.

Namhla sisijwili semvakalelo.
Kwimithombo yeenyembezi,
Ukulumleka kwazimveku?
Ingab'ixesha selivuma?
Siyanqanda zam'ukuma.

2.2.1 Hlalutya lo mbongo ungasentla, udandalazise zonke izafobe nezixhobo ezisetyenziswe ngumbhali ukuphuhlisa umxholo. **[15]**

**Isicatshulwa 3**

2.3 Funda ngocoselelo lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

**Intliziyo**

Yimbangi yokuphila.
Ngundoqo womphefumlo.
Wakon' idal' isazela.
Ngumbhexeshi wazo iihambo –
Zincomeka, zigxekeka,

Kwiingcinga, kwintetha nokwenza.
Zicetyw' aph' iinkcuku
Zolwaz' olunkungu.
Yintlambo yeyelenqe.
Liziko lenqala geqe.
Luphinyano lwezabatha.
Nax' ithul' iyathetha.

Luxolo lukwanendawo.
Inzond' ixin' indawo.
'Sitiya silinyw' iintlobo
Kummango wasekhohlo,
Kumndilili wezehlo.

2.3.1 Ngokwalo mbongo ungentla yintoni le iyimbangi yokuphila? (2)

2.3.2 'Zincomeka, zigxekeka' safobe sini? (1)

2.3.3 Kwisitanza sesibini umbhali usebenzise ziphi izafobe? Nika nemizekelo wesafobe ngasinye esisetyenzisiweyo. (2)

2.3.4 Ingaba yintoni le idalwa yile nto kuthethwa ngayo wakona? (2)

2.3.5 Caphula imigca ibe mibini yezinto ezenzeka kule nto kuthethwa ngayo. (4)

2.3.6 Sixhobo sini esisetyenziswa ngumbhali kwisitanza sesithathu ukwakha isingqisho? (2)

2.3.7 Nika isifanekisozwi esisetyenziswe ngumbhali kulo mbongo. (2)
**[15]**

**Isicatshulwa 4**

2.4 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:

Sisifo sin'esi singalathwayo?
Kalok'onaso akaziwa mntu.
Umbulali wenene ongaziwa mntu
Nguye low'ungcungcuthekisayo.
Aphel'umjongil'anguyasengwa.

Nqwa twatsa nenj'enomzananda,
Uchizeka vuth'okomsingizane
Ukufa kwakhe, kusentliziyweni.
Umonakalo wakh'usemphefumlweni.
Uding'izazi zokumxolisa

Kwande iingcinga zokumlilisa.
Owamanz'umthomb'ujike waligazi.
Kunzima ukumnceda kub'akakhalazi.
Isizathw'asichazwa, nguye yen'isazi.
Le nt'inzim'ity'umniniyo yedwa.

2.4.1 Xela izifanekisozwi ezibini ezifumaneka kwisitanza sesibini. (2)

2.4.2 Chonga uchasaniso olusetyenziswe ngumbhali kulo mbongo. (2)

2.4.3 Sixhobo sini esithi sisifumane kumgca wokuqala? (2)

2.4.4 Sisafobe sini esifumaneka kumqolo wesixhenxe? (2)

2.4.5 Ukufa kwakhe kuphi? (2)

2.4.6 Yintoni umsingizana. (2)

2.4.7 Dandalazisa iziphumo zale nto ibongwayo nezithi zidube umphefumlo. (2)

2.4.8 Ingaba isihloko sombhali siyahambelana nalo mbongo? (1)
**[15]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

## ICANDELO B

Khetha uphendule umbuzo ube MNYE kweli candelo.

QAPHELA: OKOKUBA NGABA UZA KUKHETHA UMBUZO OMDE KWELI CANDELO, UYA KUNYANZELEKA UKHETHE OMFUTSHANE KWICANDELO C.

### UMBUZO 3
### UMDLALO WEQONGA

***Inzonzobila* – B.B. Mkonto**

3.1 Xoxa kuvokotheke ngempixano ethi ibonakale kule ncwadi ethi Inzonzobila, unabe ngesizekabani sempixano ungalibali abalinganiswa abachaphazelekayo kwimpixano.

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

**OKANYE**

3.2

> He Nofinitshi, uthi aba bashumayeli benu be-
> bhongo boza bayeke nini ukusihlalela ngentlamba
> Le nto?

3.2.1 Ngubani lo uthetha la mazwi? (2)

3.2.2 Ewabhekisa kubani? (2)

3.2.3 Nika isizathu esibangela ukuba athethe ngolu hlobo. (4)

3.2.4 Lo kuthethwa naye uzikhusela ngelithini kula mazwi? (4)

3.2.5 Le ncoko yenzeka phi? (2)

3.2.6 Chaza ubuhlobo obuphakathi kwaba babini bathetha apha? (2)

3.2.7 Nika umfanekiso ngqondweni wesimo abakuso ngelixa begwadla le nyewe. (4)

3.2.8 Nika igama lomfo othe wangena ngelixa bephakathi kwengxoxo. (2)

3.2.9 Ingaba isimo salo uthetha la mazwi siye sajika xa kungena lo mfo uku – 3.2.8? (2)

3.2.10 Chonga amazwi abonisa kwaye engqina impendulo oyinikileyo ku 3.2.9. (4)

3.1.11 Nika igama lomntwana waba babini bancokola apha. (2)
**[30]**

## ICANDELO C

### UMBUZO 4

***Etshatile Engatshatanga* – S.C. Satyo**

Nakulo eli candelo umvavanywa uya kunyanzeleka ukuba akhethe umbuzo ube MNYE.

QAPHELA: Okokuba ngaba ukhethe umbuzo omfutshane kwicandelo B, UNYANZELEKILE ukuba ukhethe omde kweli candelo.

4.1 Tyatyadula ngesiqalo nesiphelo sobuhlobo phakathi kukaYoliswa noSimeli uqamelele ngencwadi ethi Etshatile engatshatanga. **[30]**

**OKANYE**

**Tyhila**

4.2 Funda ngocoselelo lo mhlathi ungezantsi, uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo

> Ndaphinda ndaqhuba, "Yabona eyona nto ndifuna ukuyicacisa kukuba le nto ndiyithethayo ayinanto nokwenza nesicelo sakho sokusebenza nam. Yinto ezifikeleyo. Ayikhatshwanga tu sisicelo sakho. Ukuba ufuna ukuthi "hayi", uthi "hayi" wena. Loo nto ayiyi kunciphisa amathuba akho omsebenzi."
>
> Ndithe ukuba ndifike kula mazwi, yanesibindi intokazi, yazicacisa kunjalo nje ukuba ingumntu okwaziyo ukuyimela into ayifunayo okanye angayifuniyo.

| | | |
|---|---|---|
| 4.2.1 | Ngubani lo uthetha la mazwi? | (2) |
| 4.2.2 | Esi sithethi, sithetha nabani? | (2) |
| 4.2.3 | Sisicelo santoni esi kuthethwa ngaso? Cacisa | (2) |
| 4.2.4 | Yintoni kanye le icelwa sesi sithethi ingenawo umkhethe nokuba ngu "hayi" okanye u "ewe". | (2) |
| 4.2.5 | Ngeli xesha lale ngxoxo baphi aba babini? | (2) |
| 4.2.6 | Khawubalise ngokuzibhaqa kwaso esi sibini sikule ndawo. | (4) |
| 4.2.7 | Le ndibano yazala nkomoni? | (2) |
| 4.2.8 | Kha uchaze lo kuthethwa naye ukuba waye engumntu okhangeleka enjani? | (4) |
| 4.2.9 | Zinto zini esahluke ngazo esi sibini? Xela zibe ntathu | (6) |
| 4.2.10 | Ngqina izivakalisi ezikrwelwe imigca ngokuthi uchonge izinto ezathi zenzeka yaye zibonakalisa okokuba lowo owayesisithethi kwathi kanti uzithezela olunenkume. | (4) |

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ISIPHELO**